Isalathiso: 20170721-3146
6/2/1/1
Imibuzo: MJ Hendricks

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0005/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo

Isihloko: Ukuqinisekiswa umgangatho wefanitshala eziswe ezikolweni ngabathengisi ekungenwe kwikhontraki nabo yi*WCED*

1. Intshayelelo

1.1 Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa zonke ii-ofisi zezithili nezikolo ngoxanduva abanalo ababoneleli-nkonzo ekungenwe kwikhontraki nabo yaye izikolo maziqinisekise ukuba ifanitshala ezisiweyo ikumgangatho onguwo.

1.2 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) linekhontraki yefanitshala yeminyaka emithathu nabathengisi yokuziswa kwefanitshala kuzo zonke izikolo eziseNtshona Koloni. Le khontraki iquka ii-ayithem zefanitshala yesikolo eziyi-31. Kucelwa izikolo ziqinisekise ukuba zonke ii-ayithem zefanitshala ziyahlolisiswa zisakuba zizisiwe ukuqinisekisa ukuba azinazo nazo naziphi na iziphene kunye/okanye umonakalo.

1.3 Ikhontraki ephakathi komthengisi (kwabathengisi) ne*WCED* inika ithuba lokuqinisekisa umgangatho (*guarantee period*) leenyanga eziyi-12 ukususela ngomhla wokuziswa kwefanitshala ezikolweni, apho umthengisi eya kuyitshintsha i-ayithem leyo kwangoko naxa iye yachazwa lingagqithanga ithuba eliqinisekisiweyo (*guaranteed period*).

1.4 Ngokumalunga nee-*steel frame chairs*, ifreyim neesithi (*seats*) ze-*polypropylene* ziya kulungiswa ingagqithanga iminyaka emithathu zizisiwe, ukuba oko akwenzekanga kunyanzeleke ukuba zitshintshwe.

1.5 Iwaranti kwizitulo iquka ukulungiswa kwezikrufu ezincamathisela iisithi kwifreyim kwakunye neeplagi ze-*nylon*/*polypropylene* kwimilenze yezitulo (*leg ends*).

1.6 Ngokumalunga nokulungisa okuchazwe ku-1.5, umboneleli-nkonzo makatshintshe izikrufu afake ezitsha okanye ancamathisele iiplagi kwimilenze yezitulo, zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe zomsebenzi esakuba echazelwe ngaloo mqathango.

2. Inkqubo yokunika ingxelo ngeziphene kunye/okanye umonakalo

2.1 Ikhontraki izisa ifanitshala ezikolweni ngeeyure zaseburhulumenteni zomsebenzi kwiintsuku zeveki eziphakathi ko-08:00 no-15:00 kuphela, ngaphandle kokuba kwenziwe amanye amalungiselelo kunye nenqununu.

2.2 Kukho imbono yokuba xa kuyimfuneko, izikolo ezifumene ifanitshala eneziphene, mazazise ngoko nangoko uNdlunkulu we*WCED* ngokufaka ingxelo eyincwadi ebhaliweyo ekhatshwa ziifoto ezimalunga noko kwiCandelwana leZixhobo zoMsebenzi, ukwenzela ukuba ifumane ingqwalaselo kaMnu MJ Hendricks (kuMgangatho 22, kwiSakhiwo sase*Golden Acre*).

2.3 I*WCED* iya kubonisana nabathengisi ukuqalisa ukutshintsha ifanitshala eneziphene kuziswe enye ngoko nangoko.

Le ngcaciso imfutshane mayifundwe nesetyhula emalunga nesikhokelo sokuthengwa kwezixhobo zomsebenzi kunye nefanitshala ekhutshwa qho ngonyaka.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2017-07-25